# UMGAQONKQUBO WOLWIMI 2021

Stellenbosch UNIVERSITY IYUNIVESITHI UNIVERSITEIT

forward together sonke siya phambili saam vorentoe

Imigaqo emithathu eqhelekileyo esisiseko

Ukusetyenziswa kweelwimi ezininzi njengovimba

Ukukhulisa amathuba okufikeleleka kweli ziko nokwandiswa kwempumelelo

Ukwenza ukufunda nokufundisa kufumaneke ngendlela ephuhlileyo

## UKUFUNDA NOKUFUNDISA

Ukufunda nokufundisa kwabangekathweswa zidanga

**A/E**

### 7.1.3 Izifundo ezahlukeneyo ezingesiAfrikansi nesiNgesi

- Amanye amathuba okufunda (ukusebenza ngamaqela/ kwizifundo zegcuntswana) kudityaniswe abafundi abasuka kumaqela ahlukeneyo ngokweelwimi
- Inkxaso iyanikezwa ngesiAfrikansi nangesiNgesi xa imeko ikhangeleka ivuma*

**A+E**

### 7.1.4 Zombini isiAfrikansi nesiNgesi zisetyenziswa kwizifundo ezinye

- Lonke ulwazi olungesiNgesi, lube nezishwankathelo ezingesiAfrikansi
- Imibuzo iphendulwa ngolwimi ekubuzwe ngalo umbuzo, kodwa xa umfundintsapho elwazi ncakasana olo lwimi.
- Iimodyuli zonyaka wokuqala: Utoliko oluqhubeka ngqo ngeli lixa kufundiswa kumagumbi okufundela okanye kubuxhakaxhaka bale mihla

**A|E|X**

### 7.1.5 Ulwimi olunye kuphela

Kwezinye iimeko (umzekelo kwingxam yesifundo, kulwazi lomfundisintsapho olugqibeleleyo kulwimi, nangokwevoti yabafundi) izifundo zifundiswa ngolwimi olunye kuphela.

- Ezinye iilwimi zifumana inkxaso xa imeko ivuma, ngokuthi kubekho utoliko oluqhubeka ngqo ngeli xesha kufundiswayo kumagumbi okufundela okanye kubuxhakaxhaka bale mihla
- Amanye amathuba okufunda (iindibano nabahlohli kwanezifundo zamaqelana) ziyenzeka ngesiAfrikansi nangesiNgesi kuphela xa umfundisintsapho ekwazi ukuzithetha zombini iilwimi

### 7.1.7 Izixhobo zokufunda

- Zonke iincwadi ezimiselweyo zingesiNgesi
- Izixhobo zokufunda ezimiselweyo (kungaquki izixhobo ezipapashiweyo) zingesiAfrikansi xa imeko ivuma *
- Ubume beemodyuli nezikhokelo zokufunda zifumaneka ngesiAfrikansi nangesiNgesi
- Xa imeko ikhangeleka ivuma* naxa kukho isidingo ngokokufunda nokufundisa, isiXhosa nezinye iilwimi ziyasetyenziswa ukuze kugxininiswe ulwazi

### 7.1.9 & 7.1.10 Uhlolo namaphepha emibuzo

- Abangekathweswa zidanga: ngesiAfrikansi nangesiNgesi
- Abasele bethweswe izidanga: noko ngesiNgesi

### 7.1.8 Ukufunda nokufundiswa kwabafundi abasele bethweswe izidanga

Kungasetyenziswa isiNgesi okanye ezinye iilwimi, kuphela xa abafundisintsapho nabafundi bezithetha ngokukhululekileyo kwimfundo yabo ezo lwimi zizezinye

### 7.5 Ukukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi

- Makwamkelwe uxanduva lokukhuthazwa kokusetyenziswa kweelwimi ezininzi ngumntu wonke
- Makuwongwe amaphulo okuhlaziywa kweentshukumo zokusetyenziswa kweelwimi ezininzi
- Makukhuthazwe ixabiso lemfundo engesiAfrikansi
- Makuphuhliswe isiXhosa njengolwimi lwemveli olusemthethweni olunokusetyenziswa kwimfundo enomsila
- Kuzinziswe amasebe eelwimi namanye amacandelo ngentsebenziswano
- Makukhuthazwe ukufundwa kweelwimi zamazwe ngamazwe

Ukusetyenziswa ngokukhululekileyo kweelwimi kugxilwe kunxibelelwano ngeelwimi ezahlukeneyo kwincoko enye

Ingqondo egxile ekusetyenzisweni kweelwimi ezahlukeneyo

Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo ngumntu omnye

Ukusetyenziswa kweelwimi ezahlukeneyo liziko

isiNgesi

isiXhosa

isiAfrikansi

## UNXIBELELWANO

### 7.2 Unxibelelwano lwangaphakathi

Iilwimi ezisetyenziswa kwimihlangano zijolise kubandakanyeko

Lonke unxibelelwano lwangaphakathi olusemthethweni lungesiAfrikansi, isiNgesi nesiXhosa – unxibelelwano olusuka kuTshansila, kwiBhunga, kwisiGqeba solawulo, kwiDVC, iCOO okanye uMbhalisi lusiya kwiYunivesithi yonke

### 7.3 Unxibelelwano lwangaphandle

IsiAfrikansi nesiNgesi, ukanti xa imeko ivuma*nangesiXhosa.

Ukuba iSU ayinaso isikhundla sokwenza oku, kubhenelwa kwisiNgesi.

### 7.2.5 Imibutho yabafundi

Ulwimi olusetyenziswayo kumele luhambe nengqiniseko yokuba wonke umntu uyabandakanywa kwaye unakho ukuthatha inxaxheba

### 7.6 Inkxaso yeZiko loLwimi

Uphuhliso lokufunda nokubhala

Uphando ngolwimi nokusetyenziswa kolwimi

Iinkonzo zenguqulelolwimi, utoliko nokuhlela

Iimodyuli zonxibelelwano olungemisebenzi, ulwazi olungemfundo enomsila, kuquka nesiAfrikansi, isiNgesi, isiXhosa noLwimi lweZandla loMzantsi Afrika

### 7.4 & 8 Ukucwangciswa kolwimi nokunikezwa kweengxelo

IiFakhalthi namaziko oxanduva kumele zingenise izicwangciso zonyaka zokumiselwa kolwimi, ukuze xa zivunyiwe liBhunga, zipapashwe kwiwebhusayithi/iminathazwe yazo.

Utshintsho oluvela sekuphele ixesha elibekiweyo lophononongo lujongwa efakhalthini kuze kunikezwe ingxelo ngalo kwimihlangano elandelayo yebhodi yefakhalthi neyeBhunga lolawulo. Abafundi baye baziswe ngezizathu zotshintsho ngoko nangoko xa imeko ivuma.

Iifakhalthi nemibutho yabafundi zinikeza ingxelo kwiDVC: Ukufunda nokuFundisa, malunga nokuthotyelwa kwesicwangciso sokumiselwa kolwimi kwisigaba ngasinye sonyaka.

### 8.5 & 8.6 Indlela yokufakwa kwezikhalazo

Izikhalazo zingafakwa ngokulandela indlela ezifakwa ngayo izikhalazo kwifakhalthi, lelo lungu labasebenzi libandakanyekayo, kusihlalo wesebe okanye sigqithiselwe kwintloko yefakhalth.i

Abasebenzi beenkonzo zenkxaso bangafaka izikhalazo kubaphathi babo.

Kwimibutho yabafundi, izikhalazo kumele zifakwe kwiikomiti zeendawo ezihlala abafundi okanye kwintloko yendawo ekuhlala kuyo abafundi. Ukuba azilungiswa kweli nqanaba, izikhalazo zinakho ukugqithiselwa kuMlawuli, kwiZiko lemiButho yaBafundi okanye sigqithiselwe ngentla kuMlawuli owoNgameleyo: KwiiNkonzo zaBafundi.

Ukuba la maqumrhu angasentla awafanelekanga, izikhalazo zingafakwa kwiNtsumpa yaseSU yeziKhalazo ukuze zisonjululwe ngentsebenziswano nemibutho echaphazelekayo.

* Ukuze kuqinisekiswe ngokuvuma/ukusebenza kwemeko ngokufanelekileyo, imeko nganye ijongwa ngokusemthethweni nangokubhekiselele kwimiba yendawo le ifumaneka kuyo loo meko, umzekelo, amanani abafundi abaza kuxhamla, ukusetyenziswa kolwimi ngokugqibeleleyo ngabafundisintsapho nabafundi, ubukho boovimba bolwazi, ulwabiwo lwamaxesha ezifundo kuquka neminqantsa enxamnye neendawo zokufundela.

Olu xwebhu lolwazi lubonakalisa kwaye lucacisa umgaqonkqubo ngeyona ndlela ilula, kodwa uxwebhu lomgaqonkqubo lulo kuphela olunguvimba osemthethweni ekunokubhekiselelwa kuye malunga neenkcukacha zemigaqo namagatya awo.